VAKALISA ULUVO LWAKHO!

UKUNIKA IZIMVO MALUNGA NOMGAQONKQUBO OLUYILO ONGOLAWULO LOKUSEBENZA KWEZIKO

ISixeko simema abahlali, abo bachaphazelekayo kunye namaqela anomdla ukuba ahlomle malunga noMgaqonkqubo oluyilo ongoLawulo lokuSebenza kweZiko (OPM), ophantsi kovavanyo.

Umgaqonkqubo weOPM, owamkelwa okokuqala liBhunga ngo2011, uyahlaziywa ukuze ubonise:
- Uvavanyo olutsha lokukhula komsebenzi weziko
- Ukuhlaziywa kweemfuno zomthetho
- Utshintsho olucwangcisiweyo kwindlela esekelwe kwiziphumo, elungele ubugcisa kunye nenkqubo yolawulo lwendlela yokusebenza ekuhlaleni

Umalunga nantoni uMgaqonkqubo oluyilo?
UMgaqonkqubo ohlaziyiweyo weOPM ubonisa isakheko esibanzi esingendlela othi umsebenzi weSixeko ucwangciswe, ubekwi'liso, uphononongwe, uvavanywe, kunikwe ingxelo kwaye uphicothwe ngayo kuwo onke amacandelo olawulo eSixeko, amasebe, amaqumrhu kamasipala kunye nabaqeshwa.

Eyona njongo iphambili kukuqinisekisa ukuba ucwangciso lukamasipala, ukusebenza kunye nokubekw' esweni kwendlela yokubenza kunegalelo elibonakalayo kwiziphumo ezichazwe kwiSicwangciso soPhuhliso esiHlangeneyo seSixeko (IDP).

Umgaqonkqubo uqinisekisa ukuba inkqubo yeOPM, isisixhobo esisetyenziselwa ukuvavanya inkqubela yokunikezelwa kweenkonzo kwiSixeko, imiselwa kakuhle ukuze kufezekiswe iinjongo zeIDP ezibekiweyo kwaye ihambelana nomthetho.

Kutheni le nto olu phononongo lubalulekile?
Uphononongo lomgaqonkqubo luqhutywa zizinto ezintathu eziphambili:
- Utshintsho kwiziphumo kunye nomlinganiselo wendlela yokusebenza oqhutywa yimpembelelo.
- Ukulungelelaniswa nomthetho ohlaziyiweyo, imigaqo yesizwe, isicwangciso sikamasipala kunye nezakheko zohlahlo lwabiwomali, kunye nezinto eziphambili kwisicwangcisobuchule seIDP.
- Ukuhlanganiswa nophuhliso lobuchwepheshe obutsha, kuquka nenkqubo yedijithali yeOPM yeSixeko yolawulo lwedatha, iideshibhodi, ukunika ingxelo kunye nophicotho.

Umgaqonkqubo oluyilo ulungelelaniswe nomthetho ophambili, kubandakanywa uMthetho weeNkqubo zikaMasipala, uCwangciso lukaMasipala neMigaqo yoLawulo lokuSebenza, uMthetho woLawulo lweZimali zikaMasipala, kwakunye neIDP yeSixeko.

Ixesha lokunika izimvo
Ngenisa izimvo okanye izichaso zakho ngowe11 kuCanzibe (Meyi) 2026 ukuya kowe11 kweyeSilimela (Juni) 2026.

Izimvo, iingcebiso kunye nezindululo ngokujoliswe kuMgaqonkqubo ongoLawulo lokuSebenza kweZiko zingangeniswa ngenye yezindlela zilandelayo:
- Nge-imeyile: performance.management@capetown.gov.za
- Nge-intanethi: www.capetown.gov.za/haveyoursay
- Izimvo ezibhaliweyo zingangeniswa kwii-ofisi zeBhungana

IYunithi yeSixeko ejongene neNtathonxaxheba yoLuntu iza kuncedisa abantu abangakwaziyo ukufunda okanye ukubhala, abantu abakhubazekileyo nabantu abaphuma kumaqela angathathintweni abangakwaziyo ukungenisa izimvo ezibhaliweyo. Ukuze ufumane uncedo ngezimvo zakho ofuna ukuzenza ngomlomo, tsalela umnxeba ku0800 212 176 okanye uthumele i-imeyile ku Anthea.Bendie@capetown.gov.za.

LUNGELO MBANDAZAYO
UMPHATHI WESIXEKO
CTA92/2026

CITY OF CAPE TOWN
ISIXEKO SASEKAPA
STAD KAAPSTAD

Senza inkqubela yenzeke. Sisonke.